URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Phagan Abrahams**
ICandelo loLawulo loKuthengwa kweMpahla neeNkonzo
Phagan.Abrahams@westerncape.gov.za | 021 467 2625

Inombolo yefayili: 5/1/7/4
Isalathiso: 20230313-2434

ISetyhula: 0022/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *UMgaqo-sikhokelo i-National Travel Framework (NTF) neMiqathango i-Cost Containment Measures ezimalunga neeNdleko zeeHambo neNkxaso (Travel and Subsistence).*

**ISihloko: Ingcaciso malunga noMyalelo *PFMA SCM Instruction No.* 06 wango-2022/2023 noMyalelo *PFMA SCM Instruction No.* 07 wango-2022/2023**

1. Injongo yale setyhula kukwazisa onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni ngoMyalelo i-*Supply Chain Management (SCM) Instruction No. 06 wango-2022/2023 onge-National Travel Framework, noMyalelo NT PFMA SCM Instruction No 07 wango-2022/2023: Cost Containment Measures related to Travel and Subsistence ngokungqinelana* noMthetho i-*Public Finance Management Act (PFMA*), 1999, (Act 1 of 1999), kaNondyebo kaZwelonke.

2. Isebe maliqinisekise ukuba amalungiselelo eehambo angqinelana nemimiselo nemigangatho eyeyona isezantsi ecaciswe kwi-*NTF* yaye kusetyenziswa le mimiselo nemigangatho eyeyona isezantsi ecacisiweyo ukuqinisekisa inkqubo yamalungiselelo eehambo eyimpumelelo, engenankcitho, esekuhleni nefanelekileyo. I-*NTF* imisela imimiselo nemigangatho eyeyona isezantsi elungiselelwe iihambo zemicimbi yaseburhulumenteni zangaphakathi kweli lizwe *(domestically*) neziya kumazwe ngamazwe angaphandle (*internationally*).

3. Umyalelo *NT PFMA SCM Instruction* No.06 wango-2022/2023 uqhotyoshelwe apha yaye uphawulwe njengo-***Annexure A***. I-*NTF* eyasayinwa ngowe-08 July 2022, eqhotyoshelweyo iphawulwe njengo-***Annexure B***.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

4. UMyalelo *NT PFMA SCM Instruction No*. 07 wango-2022/2023 – onge-*Cost Containment Measures related to Travel and Subsistence,* uqhotyoshelwe apha yaye uphawulwe njengo-***Annexure C.***

5. **Isebe maliyilawule inkqubo yokuthengwa kweenkonzo zeehambo ezinxulumene noku ngokusebenzisa iinkqubo zokuthengwa kweenkonzo ezisebenzayo. Ukuthengwa kweenkonzo ezilolu hlobo kuya kuxhomekeka kwimvumelwano eyi-*General Conditions of Contract* yaye apho kuyimfuneko nakwimvumelwano eyi-*Special Conditions of Contract.***

6. Onke amagosa makayithobele le migqaliselo yale setyhula, iMimiselo neMiyalelo kaNondyebo kaZwelonke *(NT),* iMiyalelo kaNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury Instructions*), i-*AO's System*, eye-*SCM* neye-*Financial Delegation of Powers,* ngokumalunga neenkqubo zokuthengwa kweenkonzo neentlawulo ukuthintela nayiphi na inkcitho ekukudyakraza, engenanzuzo nengagunyaziswanga.

7. Okuqulethwe kule setyhula makwaziswe onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-08-22